


# UYAKHOLWA NA KOKU?

 Ke ngaphambi kokuba sithandaze, ndingathanda ukutsho oku, okokuba kubusuku obugqithileyo, ndiyakholwa ibububo, ndithe kwinenekazi, “Ukuba ubuyakwenza njengoko siyalelwe sikwenze, okokuba iyakuba...usana lumentloko enamanzi, iyakuncipha.” Kwaye intloko yosana yancipha, kubusuku obugqithileyo, isiqingatha esinye se-intshi ngomlinganiselo wentanjana. Kwaye inenekazi liyizisile apha ngoku.

<sup>2</sup> Ngoku, isizathu ndikwenzile okuya, dade, kungenjongo. Yabona? Ukuba ungabona into ethile ebambekayo isenzeka, oko kuyakwenza ukhoho lwakho longezeke ukukugcina ekuyikholelweni. Ngamanye amaxesha ndikwenzela oko nje, mhlawumbi, njengokucela umntu aphakame, athathe inyathelo okanye amabini, shukumisa isandla sakho, jikelezisa umnwe wakho, nje into ethile abanokuyenza ngokwahlukileyo, nje ukubenza bona babone ukuba konke kulunge konke. Babaphakuphaku nje baze bacinge ayiyi kwenzeka, kodwa iyenzeka lonke ixesha. Yabona? Ifanele yenzeke.

<sup>3</sup> Bangaphi abafuna ukukhunjulwa emthandazweni, ngoku? Ningaphakamisa nje izandla zenu nize nithe, “Nkosi, siphe yona”? Masithobiseni iintloko zethu.

<sup>4</sup> Nkosi, njengoko sisiva eli elikhulu elidal’iculo lecawa, libhalwe ngowethu othandekayo umhlobo, uPaul Rader, “Kholwa Kuphela,” siyacinga ngoku ngenkwenkwe, eyaziswa nguyise kubafundi, kungekho ngaphezu kweentsuku ezilishumi emva kokuba uYesu ebanike amandla okukhupha iidemoni nokuphillisa abagulayo, kwaye naku apha boyiswe ngokupheleleyo kwingxaki yesathuthwane. Kwaye bayibona iNkosi yethu isiza. Waza uyise wabaleka wathi, “Nkosi, yiba nenceba kuthi. Unyana wam ngamaxesha amaninzi uhlutshwa lidemoni. Ndimzise kubafundi baKho kwaye abakwazanga kumphilisa.”

<sup>5</sup> Wathi uYesu, “Ndingakwazi, ukuba uyakholwa. Kholwa kuphela.” Owu Thixo, Akuguqukanga nakancinci ukususela ngoko: Usengómnyé onothando, olungileyo, nonovelwano uThixo. Njengoko waWunjalo ngoko, ke usenjalo Wena nanamhlanje. Kwaye Nkosi, njengalatata, sonke siyakhala, “Nkosi, Wena nceda ukungakholwa kwethu.” Ilula kakhulu; sikhubeka nje kuyo, Bawo.

<sup>6</sup> Sifuna ukunikezela kuWe imibulelo nezibongo ngokuchukumisa olwasana luncinci kubusuku obugqithileyo, ukubona olwakhakhayi, ebeludumbile, obekuyiyo, okokuba ithambo lityhalele ngaphandle, lihlele ngesiqingatha se

intshi kubusuku obugqithileyo. Sinombulelo ngako oko, Bawo. Xa sisazi ukuba oogqirha bethu abananto kuphando lwabo ngalanto, akukho nto banokuyenza ngayo; kodwa Wena usenguThixo, iChule lazo zonke iimeko. Sibulela Wena, Bawo. Sibulela Wena ngokukuthembeka kwalo mama, nokulunga, nokuthobeka ngokubuya nentanjana ayicamathisele kweliphetsana, apha, ukuze abonise esidlangalaleni ubungqina bakhe ukwenzela uzuko lukaThixo. Wanga owakhe omncinci angaphila abe ngoqhelekileyo umntwana, ukwenzela uzuko Lwakho.

<sup>7</sup> Jonga kuzo zonke eza zandla zinyukileyo, Bawo. Ngasinye kuzo sinesidingo. Nesam, kananjalo, Bawo, ndinesidingo. Kwaye apha zininzi apha, ngohlobo lombhalo okanye kulebhokisi, abo ngabanezidingo, abantu abanezidingo ngenene. Makwenzeke, Nkosi, okokuba ngamnye uyakufumana isicelo sakhe ngobu busuku. Banga bangathabatha obu bungqina balomama kwaye nje ngomzekelo ukubonisa okokuba xa Utsho nayiphi into, igqityiwe. Iyi...Wena...Konke ekufanele sikwenze kukuyamkela size senze. Ngumsebenzi ogqityiweyo.

<sup>8</sup> Siphe, Nkosi, okokuba nganye kwezi leta neetshefu, abantu ezithe zabekwa phezu kwabo, banga bangaphiliswa. Wonke ubani abathe baphakamisa izandla zabo, Bawo, banga bangamkela iminqweno yentliziyo yabo...Sikucela oko, eGameni likaYesu. Amen. Ningahlala.

<sup>9</sup> Bendifuna nje ukunibonisa intanjana apha, ela nenenkazi. . .Nantso ke. Um-hum. Okokuba intloko yolwa sana luncinci inciphile njengoko iNkosi ibisithembisile ngoMoya oyiNgcwele kubusuku obugqithileyo. Akamangalisi Yena? Ke, kusinika enkulu inkuthazo yokuba nokholo kwaye sikholwe.

<sup>10</sup> Ngoku, xa uYesu watshoyo kulamthi, kuMarko 11:23, "Akusayi kubakho mntu utyayo kuwe ukusukela ngoku," Kusenokuba zange angxole. Ngokuba njengoko, ngokuphandle, Wayephophile malunga nayo, de abafundi Bakhe nje... Ndiyacinga omnye wabo wamva Yena. Kwaye yona...Xa esasathuthwane, xa seza phambi kweNkosi uYesu, inkwenkwe yaba nokona kuxhuzula kunzima eyakhe yanako; mhlawumbi, yawela phantsi ngokungathi yayifile, kodwa yaqonda ukuba ihlangene noMntu othile Onokholo olukude kakhulu kwabo bapostile.

<sup>11</sup> Ngoku, ndingathanda ngomntu ongakhange akholelwe kwimpiliso eNgcwele aqaphele oku. UYesu wayebanike amandla wokukhupha imimoya, kwaye babesilele. Hayi kuba amandla asilela, kodwa bona basilela. UYesu wabaxelela:

"Kutheni singabanga nakho ukuyikhupha."

Wathi, "ngenxa yokungakholwa kwenu."

<sup>12</sup> Ibandla lisenamandla. UThixo zange awasuse amandla Akhe ebandleni, kodwa ibandla alinalukholo lwaneleyo lokukwenza

ngalo. Kuko konke. Ilula injalo. Sizama ukuyenza nzima ngamanye amaxesha, kodwa ngaphezulu uyenza lula iVangeli, kuxa uyakuba nokwenene kakhulu, xa usiba lula ngokwenene malunga nayo: Watsho njalo uThixo; oko kuyayiphendula; kwaye koko kuphela. Kwaye yikholwe nje, qhubeka.

<sup>13</sup> Xa uYesu wathi, “Akukho mntu uyakudla kuwe,” kutheni, amagqabi ayemahle nje kwaye eqhakazile njengoko ayekhe anjalo. Ixolo likhangeleka liyinto enye, kodwa ezantsi kakhulu ngaphantsi komhlaba kwezongcambu, ubomi baqalisa ukunyamalala.

<sup>14</sup> Kwaye kunjalo kumhlaza, phezu kohlobo lonke lwesifo ono—onokucinga ngaso. Xa unokwamkela iLizwi likaThixo, ezantsi kakhulu ezingcanjini, umhlaza ungabalapho; isandla sakho singaqina nje. Oko akunayo nento yakwenza nempiliso eNgcwele. Iyi, “Ukuba unokukholwa.” Yabona? Ezantsi kakhulu ndaweni ithile, sele iqalile ukuya kusebenza.

<sup>15</sup> Wathi uYesu, “Ukuba nithi kule ntaba, funquka, kwaye ningathandabuzi entliziyweni yenu, koko nikholwe ukuba oko nikutshiloyo kuyakwenzeka, ningakuzusa oko nikutshiloyo.” Ayintlanga lonto? Ibiyakuvela phi lonto? UNyana kaThixo, Amazwi Akhe...Amazulu nomhlaba ayakugqitha, kodwa ngoku—kodwa iLizwi laKhe alisokuze.

<sup>16</sup> Ngoku, kuphela kwendlela onokukwenza ngayo oko, kufanele ube nembono elungileyo kunye nenjongo elungileyo. Ngoku, ukuba ndiphumela ngaphandle apha ndithi, “Ndizakubonisa ndingayisusa le ntaba, ‘Funquka, ntaba.’” Ayisokuze isuke. Ngokuqinisekileyo hayi. Nokuba ndinantoni. Ifanele ibe . . . Kuqala kufanele ufumane intando kaThixo.

<sup>17</sup> Eso sisizathu, ngamaxa amaninzi kungca wokuthandazelwa, ndi—ndifumana obona bunzima, kungenxa yokuba yinto ethile ehambe ngomgca nanjalo njalo, kwaye kulapho ubuya uyifumane kwakhona. Kodwa jonga, ukuba unesingahlanjululwanga isono . . . Wakhe waqaphela kwingxaki, phambi kokuba ndicele umoya ongcolileyo uphume? Ndiqaphela langxaki ngokuqinisekiseka kakhulu ukuqinisekisa ukuba akukho nto koba bomi eyakuthintela nantoni, yabona, ngokuba khumbula, kwezi zipho, ungangena engxakini ngazo.

<sup>18</sup> UThixo, uyakhumbula ngaxesha lithile, wanika umprofeti . . . wenza umprofeti kwindoda, uMoses, waza wamxelela ukuba ahle, ayokuthetha nelitye. Kwaye umprofeti wayethatheke kakhulu, waza wemka, walibetha ilitye, echaza ubuthakathaka bukaKristu, ukuba Uyakufanela afe okwesibini okanye abethwe okwesibini. Wayenamandla wokuwazisa, kodwa yayingeyontando kaThixo.

<sup>19</sup> Andizange ndibenokuyikholelwa eyokuba yayiyintando kaThixo yokuba u-Eliya ajikeleze, ngoba bona abantwana babemgezela malunga nentloko enembandla, andicingi

akuba wayefanele ayenze lanto. Kodwa wayengumprofeti, kwaye wayechatshukisiwe, waza wabeka isiqalekiso kwabo bantwana zaza iimazi zamabhere ezimbini zabulala amashumi amane anesibini babantwana abamsulwa. Yabona? Kodwa andikholelwa ukuba wayefanele ukuyenza lanto. Kwaye iba nje—nje . . . thina . . .

<sup>20</sup> UThixo, ndiyakholwa namhlanje, phambi kokuba Abeke ibandla Lakhe emandleni, Uyalivavanya ibandla Lakhe ukubona eliyakukwenza.

<sup>21</sup> Thina . . . kwixesha elilandelayo, mhlawumbi, ukuba iNkosi ithandile xa ndibuyela, siyakuba nexesha lokuhlala kwinto enjengaleya, kwinto elungiselela ukwenzeka, kwaye siyakwazi ngakumbi malunga nayo ngoko.

<sup>22</sup> Kodwa ukuba uyakuthetha nje ilizwi, uthi, “Nkosi, ndiyayikholelwa,” sukuyithandabuza, nyaniseka entliziyweni yakho . . .

<sup>23</sup> Ngoku yithi, umzekelo, ndandisentlanjeni, kwaye andi . . . Ndishumayela kwizigidi zabantu, kodwa nje ukunqumleza intaba phaya, liqela labantu abalikhulu, kwaye bayafa ngaphandle kokwazi uKristu. Ke, ndinesigidi apha endifanele ndishumayele kuso, kodwa noko, Into ethile entliziyweni yam iyandixelela, “Nqumla uye kwaba bantu. Yiya kubo. Bayatshabalala.” Andifuni kuziyela, kodwa kukho noko Into ethile kum. Yabona, lowo nguThixo ngoko, eshukuma. Jonga jongo yini eyiyo, jonga yijonga eyaphi, hayi ukwenzela isiqu . . . Ngoku, ukuba ndithi, “Kulungile . . .” Ukuba injongo yam ilungile ukuwelela ngaphaya, kodwa xa ndifika phezulu phaya kwaye nantsi intaba enkulu, ndithi, “Uyazi, ukuba ndifikelela ngaphaya kwala ntaba ndize ndisindise lonke elakhulu labantu, ngenye imini bayakuba nomfanekiso oqingqiweyo wam phaya: UMzalwana uBranham, umseki mabandla omkhulu.” Ngoku, injongo yam ayilunganga. Intaba ayiyi kuwa. Hayi, mhlekazi.

<sup>24</sup> Kodwa xa injongo yam nembono ilungile, noThixo esentliziyweni yam endikhokela, kwaye andinakufikelela ngaphaya kwentaba, ekujikeleni intaba, phantsi kwentaba, bendiya kuthi, “Ntaba, funquka.” Mhlawumbi ibi . . . Xa ndisitsho oko, kwaye hayi ngaphezulu ndisitsho ngolwahlobo lomoya olungileyo, ndikholakelwa nguMoya oyiNgcwele, entandweni kaThixo, kungangabikho nelingangecetshana elincinci eliwayo kulantaba, kodwa isendleleni. Kwisuku elilandelayo kungabakho obuphindiweyo ubunzima busiwa. Kwisuku elilandelayo isine seetoni. Kwaye mhlawumbi kwinyanga, ezintlanu iitoni zisiwa. Yintoni? Ingangabonakali okwakalokunje, kodwa iyashukuma, isendleleni. Ndiyakuhlala kanye ngqo phaya ndiqaphela into isenzeka, ngokuba uThixo utsho njalo kwaye iyayiqibelelisa.

<sup>25</sup> Ungacinga ngoko ngomama wakho phaya ngobubusuku? Kulungile, ukuba uyakuyicinga, uyakuphila. Kulungile. Okokuba uyayikholelwa: thetha nje ilizwi uze uhlale nalo. Yabona? Likholelwe nje; bambelela kulo. LibuBomi obuNgunaphakade.

<sup>26</sup> Ngoku, ngomso emva kwemini... Ndimxelele uBilly, ngobubusuku, nje angawayeka amakhadi okuthandazelwa, kwaye ndifune ukuthetha. Ndihlambulula enyanisweni, bendiqhubeka ukusuka kuJanywari, ngapheshaya kweelwandle, nokubuya, ePhoenix, kanye ekhaya, nokubuya, kwaye konke ngokugqibeleleyo... Olwacalulo... De ndibe buthathaka kakhulu ndingazazi apho ndimi khona ngamanye amaxesha. Indifumana nje ngokundithwaxa.

<sup>27</sup> Kuze emva koko, kufanele ndimke, baze bona—nina—nina bazalwane nindimemele ukuba ndihlale ngaphaya iintsuku eziliqela ngaphezulu. Indlela endikuncoma ngako oko. Ndingcinga ukuba eli liqela elilungileyo labalungiseleli apha. Ndingqwenela besinokuba nexesha elincinci elingaphezulu lokudlelana. Ukuba iNkosi ithandile, ndiyakubuyela ngaxesha lithile. Akukho nto yimbi, nje ukusuka ebandleni ukuya kwelinye nokujikeleza esixekweni ndinihambele nonke. Ndiyakukuvuyela ukukwenza oko: nantoni endinokuyenza ukunceda uBukumkani bukaThixo, okokuba, ukuba niyakuthanda ndikwenze. Kwaye ndibuye ngaxesha lithile ndize ndijoyine nathi size sibe nexesha elimnandi, intlango emnandi ndaweni ithile.

<sup>28</sup> Kwaye khumbulani, bazwalana, ndiyakuba ndithandaza ngani. Leyo yeyona nto iqinisekisekileyo. Kwaye ndifuna nonke nindithandazele, nonke.

<sup>29</sup> Kwaye ngoku ndi—ndi... ngomso kusasa yinkonzo kula mahle ahlukeneyo amabandla esixekweni.

<sup>30</sup> Ngoku, amanye amaqela aphuma eJeffersonville alapha. Abanye babahlobo bam, omnye wabathenjwa bam ebandleni, ulapha, uMzalwana uFred Sothmann. Andizange ndibenakho ukumbona emhlanganweni. Kwaye mzalwana... Owu, abanye babaninzi babahlobo bam ukusuka phezulu phaya eJeffersonville, owam upri... unobhala wam phaya nazo—nazo zonke zilapha, ndaweni ithile emhlanganweni. Andikhange ndibabone okwakalokunje.

<sup>31</sup> Kwaye bazalwana, kukho amahle amabandla khona apha esixekweni. Kwaye nonke nina batyeleli, fumanani elinye lawo nize niye kulamabandla ngomso. Bayakunenzela okuhle, ndiqinisekile. Bangabazalwana abakholelwayo koluhlobo lolungiselelo. Eso sisizathu abalapha ngaso eqongeni nasezantsi ezindaweni apha, ngokuba bayakholelwa kulo. Kwaye ndiyawancoma loo madoda.

<sup>32</sup> Nkosi, sikelela esi sahluko Samadoda Angoosomashishini beFull Gospel apha a—axhase ngezimali lomhlangano.

Kukho . . . Ndiyakholwa oko bekulungile, oko kuxhase ngezimali umhlangano. Ndi—ndifumana ezininzi izixhaso ngezimali, ngokuba khona phaya . . . Akufanele sibe ngalendlela, kodwa amaxesha amaninzi, abazalwana bavumela intwanana yokwahlukana, njengendoda ikholelwa into encinci, enye into encinci . . . Ngahlobo luthile yenze ungquzulwano nezivubeko ezindala ezakudala kakhulu. Kufanele ziphiliswe ngelishesha, kodwa i—i . . . Kwaye ukuba ni—ukuba ndifumana Amadoda Angosomashishini beFull Gospel, ngoko nolohlobo loncedo iyayihlanganisa, size sihlangani, kwaye sibe nobona budlelwana ngokuhlangeneyo, nje ixesha elimnandi kakhulu. Kwaye sikuncoma kakhulu oko. UThixo asisikelele esa sahluko. Ndiyakholelwa iNkosi isivusela injongo.

<sup>33</sup> Ngoku . . . kwaye ngoko ndibe nenywaba enkulu yokubona indawo kaMzalwana u-Oral Roberts ngenye imini. Kwaye bethu, yona enkulu kakhulu indawo, into enjeya ukubantle. Isi—isikhumbuzo kwiPentecoste.

<sup>34</sup> Emva koko ndiye ngaphaya kwekaMzalwana uTommy Osborn, enye emangalisayo indawo, indoda emangalisayo kaThixo, e . . . UMzalwana uTommy nam sisondelelene kakhulu, noMzalwana u-Oral, naye, nje abasondeleleneyo abazalwana, kwaye siyathandana omnye nomnye, kwaye sizama okwethu okungcono ukwenza konke esinakubanakho ukwenzela okuhle abantu ebuKumkanani bukaThixo.

<sup>35</sup> Ke ndiyawancoma kakhulu loo madoda alapha kwesi sixeko phakathi kwala madoda alungileyo eninawo. Nina zimvu nina balusi abamangalisayo. Mna nje, ndiyakukutsho nje ngolohlobo. Yanga iNkosi ingaqhubeka ukuba nani konke ngumthandazo wam. Kwaye ngoku ngomso emva kwemini, ndi . . . Xesha nini oqala ngawo umhlangano, bazawalana? Icala leyesibini. Masithi eyokuqala—eyokuqala okanye icala leyokuqala kufanale nibe lapha ukuze bangaphazamisani nenkonzo yonke.

<sup>36</sup> Ngoku, ukuba amakhwenkwe asele enixelele, ngobubusuku anencwadi, imifanekiso nanjalo njalo, neeteyiphu, nokushicilelweyo, kunye . . . yemihlangano, kwaye ayazithengisa. Kodwa asisayi kuwavumela azithengise ngeSabatha, ngomso. Akukho ncwadi nanto emayithengiswe ngomso. Ke asisokuze—asizange sakuvumela oko. Nakubeni abaninzi bathe, “Akulungisanga kakhulu . . .”

<sup>37</sup> Kwaye omdala uTata uBosworth wyeqhele ukundixelela, “Owu, Mzalwana uBranham, uwulungisanga phaya,” kodwa leyo yindlela endivakalelwa ngayo (Yabona?), kwaye ndi—ndiyavakalelwa. Ukuba ufuna enye, bayakukunika enye, kodwa ukuba . . . Kodwa asinakuthengisa nge—ngeSabatha. Hayi. Yilonto. Ukuba ndiyakukholelwa oko, kufanele ndikuphile, nje . . . kufanele ndiphile nesiqu sam. Niyabona? Kwaye ndi—ndifanele ndiphile ngokwezibophelelo zam kwaye ke . . . Okanye

ningathumela ekhaya, kwaye, phezulu endlwini, phezulu endaweni nize niyifumane.

<sup>38</sup> Ngoku ngobubusuku, owu, masithi sonke nje silibala oko, owu, okokuba kukho nawuphi umsebenzi ekufanele wenziwe, okanye nantoni engenye, okanye imbulaleko yemini. Masibekele nje bucala yonke into, size sijonge eLizwini okwemizuzu embalwa, size sibona oko uThixo ayakukuthetha kuthi ngeLizwi Lakhe. Kwaye ndinga ndingathandaza okokuba uThixo uyakusinika nje enkulu kakhulu intsikelelo ngobubusuku.

<sup>39</sup> Gene, ungandixhwiphulela yena? Ungandixhwiphulela laa ntwazana incinci? Akangebi yinto encinci entle? Ungathanda ukugoduka nam uze udlale noSara wam omncinci, omalunga nobungaka ubude? Owu, ungathanda? Ndi—ndingathanda wenze njalo. Umalunga nomlinganiselo wakho, kwaye yintombi kaTata encinci. Um-hum. Hum. Kwaye ndiyaqikelela u—uyamthanda uTata wakho nawe, akunjalo? Mama? Owu, ngokuqinisekilyo wenza njalo. Eyona intle encinci intombi, ndihleli apha, ndijonge kuyo. Amehlo amancinci akhangeleka ngathi yimingxunya emibini etshileyo engubeni kunye—kunye nezimdaka iinwele.

<sup>40</sup> Ndiyabathanda nje abantwana abancinci. Ndinamantombazana amancinci amabini ekhaya. Omnye wabo nguRebekah nomnye nguSarah.

<sup>41</sup> Apha ngaxesha lithile lidlulieyo, ndandimkile. Bobababini ngamantombazanana amancinci kaTata, niyazi, kwaye ndiyabathanda. Kwaye kwakamsinya nje bengena ndiye ndibabeleke, kwaye...kuphela uBecky ubamkhulu kakhulu kulonto; mkhulu kangangokuba ndingako. Uyakuwophula umqolo wam ngoku; uyi...kodwa useyintombazanana encinci kaTata, nakuba kunjalo. Kwaye ngoku, malunga nomnye unyaka, sifuna ukumsa kwisikolo seBhayibhile ndaweni ithile kwaye kude kwisikolo sikawonke-wonke.

<sup>42</sup> Kwaye ngoko—babelinde uTata, niyazi, ukuba abuyele ekhaya. Ndaye ndimkile ndisemihlanganweni. Kwaye ngomso ebusuku bayakube belindele mna kude kube sezinzulwini zobusuku ukuba ndizame ukungena. Kwaye ke, ndangena kwakusasa ngenene, malunga nentsimbi yesithathu okanye yesine. Kwaye umama aze emnyango andivulele, kwaye ndandidinwe kakhulu ndinxaphile, nda...Apha eqongeni, nda...xa i...intambiso ivakala kakuhle, kodwa xa okuya kukushiya, kuxa ungena engxakini. Bangaphi abakha bakwazi oko? Kutheni, ngokuqinisekeleyo kukuko.

<sup>43</sup> Khangela. U-Eliya wenyukela entabeni waza wabiza umlilo usuka ezulwini, wabiza imvula iphuma ezulwini, kwaye xa uMoya wamshiya, wabhadula entlango iintsuku ezimashumi mane waza uThixo wamfumana, wamtsalela emva emqolombeni ndaweni ithile.

44 UYona, wehlela ezantsi wahla waphila ngaphakathi kwesisu sentlanzi iintsuku ezintathu nobusuku obuthathu, watsicelwa ngaphandle enxwemeni waza wajikeleza eshumayela. Isixeko sonke saguquka saza seza kuThixo. Kwaye xa intambiso yemkayo kuye, wenyukela phezu kwenduli waza wacela uThixo ukuba athabathe ubomi bakhe. Yabona?

45 Ndimi ecaleni kwengcwaba likaWilliam Cowper, kungekudala, owabhala elaculo lidumileyo esilisebenzisayo kwinkonzo yethu yomthendeleko:

Kukho Ichibi Lizele liGazi,  
Litsalwe emithanjeni ka-Imanuveli,  
Apho aboni banyhalwe phantsi  
kwempuphuma . . .

46 Ingaba nakhe neva oko yena . . . okwenzeka kuye? Emva kwentumakalelo imshiyile kokuya, wazama ukufumana umlambo wokuzibulala.

47 Ndihlala kanye ngaphaya kweKhaya elidala laseKentucky. Kwaye uStephen Foster wanika iMelika awona amnandi amaculo akudala. Kwaye xa wayesakubhala, afumane intumakalelo, laa ntumakalelelo, abhale iculo, emva koko xa ephuma kuyo, ebeya kuphuma ayokunxila. Ekugqibeleni, wabiza isicaka wathatha isitshetshe wazibulala.

48 Abantu abazi oko aba bantu abaphila kwimida kamoya abangena kuko. Ngoku apha, uziva ngathi ungasusa intaba, kodwa nje yeka intambiso ihle imke kuwe, uqalise ukuphuma ngalaa mnyango . . . Ukuba umntu othile akakho phaya ukukubamba . . . Yabona? Kwaye emva koko, mhlawumbi okweeyure ezimbalwa kunzima, ungazi nalapho ukhoyo. Kuze emva koko ebusuku emva kobusuku, oko kuthatha okukhulu kuwe.

49 Kwaye okuncinci . . . Ndifuna ukunixelela malunga noSara omncinci noRebekah. Ke ngentsasa elandelayo, ndingenakho ukulala, kwaye bendiyakuvuka, ndandihleli esitulweni, kwaze emva kwexesha uBecky, ongomdala, waye—enemilenze emide kunoSarah, kwaye ke uBecky weza ebaleka . . . wavuka, waxhuma ukusuka ebhedini, engamvusi udade wabo omncinci, kwaye nanko esiza ngendlu, ebaleka ngamandla kangangoko enakho. Wayesithi, “Tata, Tata . . .” Ndakhupha umlenze omnye wam, waza waxhumela ukumnqumla apho, kakuhle kakhulu exhathisile. Ngohlobo oluthile njenge—ibandla lanamhlanje, niyazi, libe lisemdlalweni ixesha elide, niyazi, kangangamakhulu eminyaka emininzi. Wayenokuxhathisa kakuhle kakhulu, waza wabeka iingalo zakhe ngokundigona waza wathi, “Owu, Tata wam, Tata wam . . .”

50 Kwaye uSara omncinci, kumbhodamo, wavuka. Kulungile, andazi nokuba abantwana bakho abayenzi; abam bayayenza: Omncinci ufumana azishiyelweyo. Kwaye uSarah wayenxibe



iipijama zikaBecky, iinyawo zikangako ubude, niyazi. Kwaye nanku apha esiza, intwanana encinci yento, esiwa, ekhubeka. Kwaye wafika phaya, kamva. Kwaye uBecky waguquka, wathi, “Sarah, dade wethu, ndifuna ukukuxelela into.” Wathi, “Bendilapha kuqala. Kwaye ndibanga konke. Ke ndifumene konke okunguTata kwaye akukho nto ishiyekele wena.”

<sup>51</sup> Leyo yindlela abantu abazama ukucinga malunga nenkolo, ayinjalo? Uh-huh. Injalo.

<sup>52</sup> Kwaye usizi oluncinci elinguSarah, wayekelela loo milibe yakhe mincinci, kwaye loo mehlo akhe amnyama ajonga phezulu kum, waza waqalisa ukulila. Kwaye uBecky wayencamathelise isidlele sakhe kwesam, endiwola. Ndiyamthanda. Kwaye uSarah waqalisa ukumka kuba uBecky wayenako konke okunguTata. Ndatyhalela elinye idolo ngaphandle ngokoluhlobo ndaza ndawangazelisela kuye ngokwelahlobo. Owu, waphakama kwamsinya waza wabeleka, waxhumela edolweni lam ukuze... Wayengenaxesha lininzi ekhona kwaye imilenze yakhe yayingenakho nkqu nokufikelela emgangathweni. Wayeluhlobo oluthile ukugxadazela kancinci (mhlawumbi, njengokuba ndinjalo, nje ukugxadazela okuncinci, niyazi), kwaye wayenga... wayengenakufika emgangathweni. Waye engelohlelo likhulu, niyazi, kwaye wayengenakho ukufika phantsi kumgangatho oqinileyo. Wayengenaxesha lide ekhona.

<sup>53</sup> Kwaye ke, waye ngahlobo luthile egxadazela, ndalahla zombini ingalo zam ukumhola ngoluhlobo ndamanga ndamphakamisela kufutshane kum, waza waqhakazelisa loo mehlo akhe amnyama, waza wajonga ngasemva kuRebekah. Wathi, “Rebekah, dade wethu,” wa—wathi, “ingaba yinyani eyokuba unokunguTata konke, kodwa ndifuna wena wazi into enye, uTata unako konke okundim.” Ke . . .

<sup>54</sup> Leyo yi . . . Nje ke Unako konke okundim. Ndingangabinayo imfundo yokubeka izinto ezinkulu, kodwa nje oko ndisazi Unako konke okundim, ekugxadazeleni kwam, makathi Yena andiwole ngeengalo zombini, oko kuyakundenze ndizive kamnandi.

<sup>55</sup> Kulungile, masinikeze ngelinye elincinci ilizwi lomthandazo kuYe phambi kokuba sivule iLizwi.

<sup>56</sup> Ngoku, Bawo waseZulwini, siyaqonda ukuba sifana nje nabantwana kananjalo. Kwaye—kwaye Uyathanda ukuba kunye nathi, kwaye unqule nathi. Njengoko sikunqula Wena, kwaye Uyasithanda, uze usifunqulele ezingalweni Zakho, uze Uthumele uMoya wakho oyiNgewele, kwaye usenze sazi ukuba Uyaphila kwaye UnguBawo wethu, sikubulela kakhulu Wena. Ngoku, thumela uMoya oyiNgewele uze kuthi ngobubusuku. Thanda intliziyo nganye, Nkosi. Siphe intsikelelo entsha. Thulula amaqabaza ombethe wenceba phezu kwethu, Bawo. Sukujonga izono zethu. Zininzi kakhulu. Nkosi, zixolele nje. Zincime, Bawo, uze usithabathele nje ezingalweni Zakho, uze—

uze uphilise ukugula kwethu, kwaye—kwaye ucoce imiphefumlo yethu, ukhulule imimoya yethu, Nkosi, ukuze sibe nokunqula nokudumisa Wena, sibe nje ngabantwana sibaleka sijikeleza indlu, sisazi nje ukuba uTata usijongile. Siphe oko, Nkosi.

<sup>57</sup> Ngoku, akukho mntu unakho uku—ukutolika iLizwi. Siyakuqonda oko. UYohane wayibona iNcwadi isesandleni sasekunene Sakhe lowo uhleli etroneni, kwaye kwakungekho mntu ezulwini, okanye emhlabeni, okanye ngaphantsi komhlaba owayefanelekile ukuyithabatha iNcwadi ayinqike, okanye akhulule amatywina. Kwaye nantso isiza iMvana, eyayixheliwe ukusukela ekusekweni kwehlabathi. Kwaye Yona yayifanelekile. Kwaye Yona yayithabatha iNcwadi, yawakhulula amatywina, yayivula iNcwadi. Owu Mvana, yiza ngobubusuku. Sivulele iNcwadi, Bawo, njengoko silindele kuWe, kuba oko sikucela eGameni likaYesu, iMvana kaThixo. Amen.

<sup>58</sup> Ndikhethe ngobubusuku, ivesi encinci yeSibhalo apha yamagama amathathu. Kodwa kuqala ndifuna ukufunda ivesi okanye zibembini koNgcwele uYohane, isahluko se-11 ndiqalele kwivesi yama-23.

*Athi kuye uYesu, Umnakwenu uyakubuya avuke.*

*Athi uMartha kuye, ndiyazi...uyakubuya avuke eluvukweni gomhla wokugqibela.*

*Athi uYesu kuye, Ndim uvuko no...bomi: lowo ukholwayo kum, nokuba ubethé wafa, wodla ubomi:*

*Kwaye nabani na odla obomi akholwe kum akasayi kufa naphakade. Uyakholwa na koku?*

*Athi kuye, Ewe, Nkosi: Ndiyakholwa mna ukuba wena unguye uKristu, uNyana kaThixo, lowo ufanele ukuza ehlabathini.*

<sup>59</sup> Ke ukwenzela umxholo ndinqwenela ukusebenzisa la magama mathathu: *Uyakholwa Na Koku?*

<sup>60</sup> Ndifunde ibali kwixesha elidlulileyo. Ndinga yayiyintsomi. Kwaye abaninzi bonke babalungiseleli, ndiyaqikelela, bafundile incwadi kaGqr. Ingraham ye—yeNkosana Yendlu KaDavide. Yincwadi ebalulekileyo. I—ndicinga, igqityiwe ukubhalwa ngokuqinisekileyo. Ndingathanda ukuba nayo ikumbhalo, ukuze ndiyinike abantu.

<sup>61</sup> Kwaye phaya, ndandifunda inqakwana elincinci lomhleli kulo Lazaro, nakuYesu, noMariya, noMartha, okokuba, oodade bakaLazaro. Kwaye ndandifunda khona phaya okokuba kulapho uYesu wayehlala khona, ndiyakholwa, kunye noMartha noMariya. Babengamantombi athandekayo amaHebhere. Kwaye uLazaro wayefundela okanye eqeqeshelwa ukuba ngumbhali etempileni, esenzela ababingeleli iileta zomthetho.

<sup>62</sup> Kwaye uYesu wayenobudlelwana obukhulu, ingakumbi noLazaro. Xa sifunda encwadini ukuba khona phaya kulapho

Weza ekhayeni labo, kwaye uMartha wayenokulibazisa okuncinci malunga nokumamela amazwi Akhe, kodwa kwakufanele alungiselele isidlo sangokuhlwa alungise itafile, kodwa uMariya wayehleli ezinyaweni Zakhe. Waza uYesu watsho ukuba uMariya ukhethe ezona zinto zingcono.

<sup>63</sup> Kwaze emva koko, sachazelwa ukuba uLazaro waye engulowo owazisa uYesu kuYohane, kwibali lencwadi kaGqr. Ingraham, kwaye... kwi*Nkosana Endlwini KaDavide*. Nakuba kunjalo, oko kungangabi yinyaniso, andazi, kodwa nje imbali yalo, kodwa Wayefanele ukuba wahlala nabo.

<sup>64</sup> Ngoku, besifunda kule izayo, kule veki iphelileyo, gxebe, ukuba uYesu wathi kuYohane Ongcwele isi-5:19, “Mna... UNyana akanakwenzanto kuYe, kodwa oko Abona uYise ekwenza: wenza oko kunjalo uNyana. UYise uyasebenza noNyana uyasebenza naye.” Yabona? “Oku Abona uYise ekwenza.”

<sup>65</sup> Ke ukwenza oku ibali lenene, uYise, uThixo, makube wayethethe noNyana Wakhe, uYesu, wathi, “Umhlobo wakho, uLazaro, uzakufa, kodwa kuzakwenzekela okulungileyo, ke Wena lishiye ikhaya. Hamba uye kude, kuba kuyakucelwa Wena ukuba umthandazele, okanye, umphilise, kwaye—kwaye andifuni Ukwenza oko.” Ukuba uyakuliqaphela ibali njengoko siqhubeka, uyakubona liqokelelanela kulanyaniso yokuya. Ke, UYesu, nje ngaphandle kwaso nesiphi isilumkiso okanye nantoni, wemka kulandlu waya ndaweni ithile ingenye, akabuya ngoba busuku. Kwaye Waya kwesinye isixeko. Kwaye kwakamsinya uYesu elishiyile ikhaya, yaza ingxaki yangena.

<sup>66</sup> Kwaye xa uYesu eshiya ikhaya lakho, ingxaki isendleleni. Kukhumbule nje oko, xa Eshiya ikhaya lakho, ingxaki isendleleni. Xa usenza izigqubo zasekuhlaleni nayo yonke into iqhubeka ebandleni lakho ngokugqibeleleyo, njengethile enkulu elishumi elinesithandathu yeecylinder iRickenbacker, kwaye umshiye uYesu ngaphandle kuyo, xa uYesu eshiya ibandla lakho, ingxaki isendleleni. Ewe, mhlekazi, xa uYesu eshiya ihlelo, okokuba bambekele ecaleni Yena bathi, “Kulungile, ngoku asikholwa nje okokuba ezi zinto zingaba zezilungileyo twatse,” kwaye wamkele into ethile engenye, ingxaki isendleleni. Kukhumbuleni oko.

<sup>67</sup> Indikhumbuza ngebali leNkosi uYesu, elifumaneka eNcwadini kaLuka. Niyazi xa Wayeseyinkwenkwe emalunga neshumi elinesibini leminyaka ubudala, abantu Bakhe bamthatha Yena, njengesiko lalinjalo nyaka ngamnye, phezulu esidlwini sePentekoste. Kwaye xa babesesixekweni seYerusalem esidlwini kwaye benexesha elimnandi, siyafumanisa eBhayibhileni, ukuba bahamba iintsuku ezintathu ngaphandle Kwakhe. Kwaye bacinga mhlawumbi, bayithatha nje ngesiqhelo, okokuba uYesu kufanele uphakathi kwezizalwana zabo.

Ngoku, asinakwenza oko. Xa besiza behamba phakathi kwezizukulwana ukukhangela, Wayengekho apho.

<sup>68</sup> Kwaye asinakuyithatha ngesiqhelo, ngenxa yokuba singamaWisile, Bhaptizi, Rhabe, bakwaMoya, kwaye imvelaphi yethu noobawo mkhulu bethu babengamakholwa amakhulu, siyithathe nje, kulungile, ngesiqhelo, uYesu unathi. Asinakuyenza lonto. Kufanele sibe kunxibelelwano kunye naYe lonke ixesha nawo wonke umzuzu. Owu, ndiyakuthanda oko.

<sup>69</sup> Ndifuna oko uThixo akuko ngoku. Oko abazali bam babenako, oko oobawo mkhulu babenakho, kuhle kakhulu. Kodwa oko banako kulungile. Ndiyacinga siphezulu kakhulu endleleni.

<sup>70</sup> Masibone oko Akuko namhlanje. Andifuni kukhangela emva ndibone oko uMnu. Moody wakwenzayo, ngokuba siphezulu kakhulu endleleni kunoMnu. Moody. Ingxaki ngeecawa zethu sijonga emva sithi, “Kulungile, masibone oko uMnu. John Wesley waktshoyo, oko abanye babanye bakutshoyo.” Oko sisizathu inzululwazi ikude kakhulu kumhlaba wayo, kunenkolo ekuko kowayo.

<sup>71</sup> Apha kumakhulu amathathu eminyaka eyagqithayo, usonzulwazi womFrentshi wabonakalisa okokuba ukuba unohamba ngesantya esikhulu kakhulu seemayile ezingamashumi amathathu ngeyure, udotso mhlaba luyakukususa emhlabeni. Ucinga inzululwazi iyakolatha emva kokuya namhlanje? Bahamba ngeshumi elinesithoba lamakhulu eemayile ngeyure kwaye futhi basaqhubeka. Baxunele phambili, bajonge phambili. Kodwa sifuna ukujonga emva sibone oko uMoody waktshoyo; Sankey waktshoyo; Finney waktshoyo; Knox, Calvin; abanye babo. Oko bakutshoyo kwakulungile. Oko kwakukokwesigaba sabo, kodwa siyaqhubeka.

<sup>72</sup> Utatomkhulu wam wayekhwela inqwelo yeenkabi. Mna ndiqhuba iFord V8. Unyana wam uyakubhabhisa inqwelo ntaka yejet. Oko kukuthi, sibheka phambili. Yilonto inkolo ekufanele ibe kuko. Ukuza kweNkosi kusondele. Ibandla kufanele liqhubekela phambili emandleni alo. Inzululwazi ingakhwela kuphela kangaka ize emva koko iwe, kodwa sinemithombo engekachukunyiswa, engazange yachathwa, yamandla, enganamlinganiselo, kaThixo, ekufane sibhekiselela kuwo. Siphila ngezigididi zeemayile ngaphantsi kwamalungelo ethu ngobubusuku, amalungelo amaKristu afanele awaxhamle. Ndiziva ndihlazekile xa ndijonga apha ndibone amaziko, nezigulo, neengxaki eziqhubekayo kanye ngoku. Ibandla lethu kufanele lihamba esitratweni, liphilisa abagulayo, livusa abafileyo, likhupha iidemoni, lisenza imiqondiso nemimangaliso, lisenza ihlabathi lonke liqonde ukuba uYesu Kristu uyaphila. Yilonto ekufanele siyenze.

<sup>73</sup> Kutheni, uthi, “uMnu. Moody zange...” UMnu. Moody wayengaphili kulo mhla. Injalo lonto. Siphila ekuzeni kweNkosi. Kwaye sikuthathe nje okwesiqhelo ukuba Wayephakathi kwezizalwane zethu. Kodwa ngomnye umhla xa umcelimngeni wacela umngeni uMnu. Graham, safumanisa ukuba Wayengekho phakathi kwezizalwane zethu.

<sup>74</sup> Bamfumana phi Yena? Kuphi apho—bamfumana phi uYesu? Kanye apho babemshiye khona Yena. Babemshiye phi Yena? Esidlweni sePentekoste. Kuphi apho simshiya khona uYesu, kuphi apho ibandla? Kwisidlo sePentekoste. Xa sisuka simke kulawa exesha lakudala amandla ePentekoste nesidlo sePentekoste, sisuka simke kuYesu. Injalo ngqo lonto, sihlobo. Siphila ngaphantsi kwamalungelo ethu. Ewe, mhlekazi.

<sup>75</sup> Bamshiya Yena kwisidlo sePentekoste, kwaye phaya kuphela kwendawo iWisile, Bhaptizi, Rhabe, nabakwaMoya bayakuze bamfumana khona Yena, kukubuyela emva apho bamshiye khona Yena. Luphi uvuyo lweNkosi? Aphi amandla eNkosi? Ibandla liyabuza namhlanje, “Kwe—kwenzenka ntoni kuThixo wembali?” Ulinde abantu Bakhe Bambizele etshatshalazeni. Kodwa i . . .

<sup>76</sup> Asinakuyenza ngamahlelo. Asinakuyenza phantsi kwepsychology. Asinakuyenza phantsi kwezibalo, okanye asinakuyenza ngemfundo. Sizahlukanisile, siyazahlula. Asahlukananga. Singumntu omnye kuKristu uYesu. Sonke sikuKristu omnye, kwaye amahlelo ethu akanakuyenza. Elungile enjalo, awanakuyenza. Imfundo yethu yeyona ingumqobo kwiVangeli eyakhe yanguwo, injalo imfundo yethu.

<sup>77</sup> Esikudingayo asiyomfundo. Sidinga amandla nokubonakaliswa koMoya oyiNgcwele emva ebandleni ukubonakalisa amandla. UYesu zange athi, “Hambani niye kumhlaba wonke nize—nize nifundise.” Zange athi, “Hambani kumhlaba wonke nize ni...” Wathi, “Hambani kumhlaba wonke nishumayele iVangeli.” Kwaye iVangeli kukubonakaliswa koMoya oyiNgcwele, uvuko. Sisezizigidi zeemayile ukushiyelela kunokuba kufanele sibekuko. Masibheke phambili. Masibuyele emva apho simshiye Yena khona esidlweni sePentekoste.

<sup>78</sup> Wathi uYesu, kuYohane, ndiyakholwa, isahluko se-15, Wathi, “Mna ndinguMdiliya; nina ningamasebe.” Ke ngoku, ukuba laaMdiliya uvelisa isebe lokuqala, kwaye kwelasebe kwabhalwa iNcwadi yeZenzo, isebe lesibini liyakwenza enye iNcwadi yeZenzo. Isebe lesithathu liyakwenza enye iNcwadi yeZenzo. Kwaye lonke isebe eliphuma kulaa Mdiliya liyakuba yinto enye njengesebe lokuqala lalikuko.

<sup>79</sup> Ngoku, ungaxokomezela, siyakwazi oko. Ndibonile umthi we orenji unamalunga neentlobo ezisibhozo ezahlukeneyo zeziqhamo kuwo. Ndibone umthi we-orenji uvelisa imbambusi, neelamuni, nento yonke kuwo, kodwa zazixokonyezelwe kuwo.

<sup>80</sup> Yilonto iyingxaki namhlanje. Sixokonyezelwe kwiimbono zethu, sixokonyezelwe kumahlelo ethu, kodwa ukuba laa mthi ungavelisa omnye umdiliya, ngokwawo, uyakuba njengowasekuqalekeni owaya kuwo. Haleluya! Owu, ibandla liyakumanyana, kodwa sidinga amandla asekuqaleni. Sidinga uMoya oyiNgcwele, amandla ovuko lukaYesu Kristu. Koko Asixelele ukuba sikwenze.

<sup>81</sup> “NdinguMdiliya, nina ke ningamasebe.” Ukuba umthi isidiliya sikhupha isebe, kwaye livela neediliya ezintle eziluhlaza, elandelayo idiliya iyakuzisa iidiliya ezintle eziluhlaza kuyo. Ukuba ewokuqala uMdiliya uyavela, kwaye yawela phantsi kokuvakala kukaMoya oyiNgcwele, kwaye benza imimangaliso emikhulu, nemiqondiso, baza batywinela ubungqina babo ehlabathini...Nkqu abaninzi babo ngobungqina babo, bona, ngegazi labo, batywina ubungqina babo. Bangena kuzo zonke iintlobo zobunzithinzithi nento yonke ukuzisa iVangeli. Bava ubunzima; babebethwa; babesohlwaywa. “Masithatyathelwe ekhaya eZulwini na kwibhedi yeentyantyambo ngobulula, ngelixa abanye balwa baphumelela ixabiso, badada kumalwandle egazi?” Silindelwe senze ntoni? “Kufanele ndilwe ukuba ndifanele ukulawula. Yandisa inkuthazeko yam, Nkosi.” Ngokuqinisekileyo. Sidinga i...

<sup>82</sup> Asidingi ihlelo elitsha. Asidingi sakhiwo sacawa sitsha. Esikudingayo namhlanje yeyexesha lakudala emva emahlathini, izibhakabhaka eziluhlaza, ebulala isono imvuselelo yePentekoste, eyazalwa ePentekoste kwaye ibuyele ebandleni kwakhona, amandla kaMoya oyiNgcwele kwakhona, ukuzisa uYesu embonakalweni.

<sup>83</sup> UThixo wembali usoloko evuka embonakalisweni ngexesha elibalulekileyo. Siyakudinga oko. Yilonto eyingxaki nebandla lethu namhlanje. Sibuyela emva kakhulu. Siwela kwifashoni zehlabathi. Kwaye ngokuthe chu, unyaka ngonyaka, iyaqalisa ukuguga kancinci kwaye iyanyamalala.

<sup>84</sup> Lixesha lokuthenwa kokukhawuleza. UThixo uyalithena njengoko ndiqiniseka kangangokuba ndimi apha eqongeni. UThixo uyakulithena ukwenzela lona lithwale isiqhamo. Uyakusika imisebenzi yehlabathi isuke kulo ngenye yezi mini. Elinjalo ihlazo, indlela ibandla eliqhubekeke ngayo phantsi kwegama lenkolo.

<sup>85</sup> Kwaye siyafumanisa, xa uYesu wemkayo, ukufa kwangena. Xa uYesu eshiya ibandla, amandla kaMoya oyiNgcwele ayalishiya ibandla lethu, liyaqalisa ukuncipha lize—lize life. Kwaye emva kwexesha akukho nto iseleyo kulo. Ngoku, xa uYesu esimka, ukufa kuyangena. Owu, elinjani ukubalusizi ixesha elalililo.

<sup>86</sup> Kwaye qwalaselani, babebhadula, kwaye bathumela kubizwe uYesu, kodwa zange Aze. Bathumela Abizwe kwakhona, kwaye Akeza, kodwa Wayesazi Awayezakwenza. Uyazi ngobubusuku, oko Ayakwenza. Akulahlekanga nto kuYe: Uyazi ngqo oko Alungiselela ukwenza. Uzakuvusa abantu baphakame, njengokuqiniseka njengoko ndimi apha kulepulpiti. Uyakuvusa abantu ukwenzela iGama Lakhe kwisizukulwana seNtlanga. Uyakuyenza.

<sup>87</sup> Lixesha lamaJuda likufuphi ngoku, kwaye eleNtlanga liyaphela, ngokuba zihambile nje kulo. Ziyamala uKristu; ziyayala imiqondiso yazo; zala yonke into ebizwa ngobuthixo; zize ziyithiye njengohlobo lofundo ngqondo okanye amandla edemoni zize zenze... Zinyelisa uMoya oyiNgcwele kwaye zizitywinela kude noThixo. Kwaye uThixo uyakuthatha elagcuntswana, emva kwethuba, alivuse libe liBandla elinamandla, aze emva koko ajikele uMoya uye kumaJuda, aze athabathe iBandla leeNtlanga alise ekhaya. Injalo ngqo. Lisekwenziweni ngoku. Owu, kanjani, sikwisiphelo sexesha, phantse.

<sup>88</sup> UYesu, Uyazi. Kwaye emva kwexesha Wathi, “Isihlobo sethu, uLazaro, ulele.”

<sup>89</sup> Kutheni, abafundi bacinga wayephumla nje kancinci. Wathi, “Kulungile, ukuba ulele, wenza kakuhle.”

<sup>90</sup> Kulungile, Wathi ngaWakhe...ngamazwi abo, ukuze babe nokuqonda, wathi, “Ufile, kwaye ngenxa yenu ndiyavuya bendingekho phaya.” Yabona? “Ngenxa yenu, Ndiyavuya bendingekho phaya.” Ngokuba bebeyakumcela Yena ukuba—ukuba amphilise—ukuba amphilise yena, kodwa Wayesazi Ebengayi kuyenza, ngokuba umbono wawusa... emva kweentsuku ezinje Wayesazi ukuba elo lixesha uYise amxeleleyo Yena. Enjani ukubantle; Wathi engcwabeni, “Bawo, Ndiyakubulela Wena, Wena sele uvile, kodwa Ndikutsho oko ngenxa yaba bemi apha.” Yabona? Wayesele esazi oko Wayezakwenza. Wathi, “Ndiyakumvusa.”

<sup>91</sup> Ngoku, ndingafane ndicinge ela khaya lincinci lalophuke kakhulu. Umsebenzeli walo edulukile, usizi. Owu, kuyamangalisa xa ufumana ikhaya elulusizi okanye intliziyo elusizi, waza uYesu wabonakala ngaxeshanye, akunjalo? Ndingafane ndicinge ndibona uMartha, umfazi omhle omncinci kunye nesigqubuthelo esimnyama ebusweni bakhe, noMariya omncinci, kwaye bona bebambene, besithi, “Sizakwenza ntoni? Umama noTata bandulukile, kwaye othandekayo umntakwethu...Ngoku, silishiyile ibandla, kwaye sikwayiwe kubo, saza saphuma seza kulandela uYesu waseNazarete. Kwaye Ubhekele phaya wasishiya, ndaweni ithile.”

<sup>92</sup> Ndingamva umgxekeki esondela esithi, “Heyi, uphi laMphilisi uNgcwele, laMprofeti waseGalili? Uphi Yena ngoku? Yabona,

xa kufika ixesha Lakhe lokwenza into ethile, Umkile.” Nantso ke. Yabona, uThixo uyathanda nje ukwenza oko, nje ukuyeka abantu, nje, ukuvumela abantu bavelise abakuko, ehe, nje ukuzama ukubabonisa okona bakuko. Ubanika intsikelelo. Uyabonakala, Uyazibonakalisa, Uyazazisa ebantwini, nje ukubona luhlobo olunjani abayakulenza, nje ukubona oko bayakukwenza malunga nayo.

<sup>93</sup> Ngoku, siyafumanisa emva koko, emva kwe—kwezimbalwa iintsuku, iintsuku ezine, olusizi uLazaro wayefile. Babemngcwabile. Usuku lwesibini, usuku lwesithathu, usuku lwesine. . . Ngoku, wonke ubani uyazi ukonakala kuyangena emva kweentsuku ezintathu: impumlo iyawa ebusweni, kuqala. Kuze emva koko ukonakala kungene; iimpethu ziyaqalisa ukudla umzimba. Babembeka emhlabeni, babeka ilitye elikhulu kumphezulu womqolomba apho babembeke khona. Kwaye kanye qho emva kwethuba, amantombazana amancinci ebeya kuya aze aguqe phantsi engcwabeni alile.

<sup>94</sup> Kwaye emva kwexesha, indaba zahamba, “UYesu ufikile. Simbonile ehamba esixekweni.” Owu, laa Martha mncinci, ebengonjalo, kukhangeleka, ebulibazisa malunga nayo, wabonakalisa ngoko oko wayenziwe ngako. Nanku esiza [uMartha]. Uyeza [Martha] ngendlela ngoko, ebaleka efuna. Ndiyabeva abanye babo ecaleni kwendlela besithi, “Kulungile, ndiyaqikelela wanelisekile ngoku, okokuba inkolo yakho yayibubuxoki.” Zange abahoye waqhubeka nje, wagqitha kanye kubo bonke abagxeki. Wehla de wambona Yena, mhlawumbi ehleli phantsi ekoneni yestrato.

<sup>95</sup> Ngoku, ikhangeleka, wayefanele. . . wayenokuba nelungelelo lokumngxolisa Yena aze—aze athetha khohlakeleleyo kuYe. Kutheni, zange abaleka athi, “Jonga apha, jonga apha, Wena. Ufanele ube nguMprofethi, iNdoda kaThixo. Kutheni Ungezanga xa besikubiza Wena? Kutheni, siyintlekisa yedolophu ngoku. Siphumile ebandleni lethu ukuze silandele Wena.” Kukhangeleka ngathi wayenelungelo. Kodwa niyazi, njengoko ndakushumayelayo, *Imvana Kunye Nehobe*, ukuba siyimvana, imvana inikezela ngalo lonke ilungelo enalo. Injalo ngqo. Ayinanto kuphela buboya, ke kufanele inikezela ngoko. Kwaye nawe nikezela ngalo lonke ilungelo onalo ukuze ukhonze uThixo. Injalo ngqo lonto.

<sup>96</sup> Bendisemva kwabafazi malunga nendlela ababenziba ezi zincinci zindala iimpahla, niyazi, kwaye bathi, “Kulungile, singa—singamaMerika. Singenza oko sikufunayo.”

<sup>97</sup> Ndathi, “Injalo ngqo lonto, kodwa ukuba uyimvu, uyakunikezela ngamalungelo akho.” Ukutshaya imidiza nokuqhubeka nje ngolwahlobo, leyo yeyona imandundu into abafazi bakhe bayenza. Injalo ngqo lonto.



<sup>98</sup> Inenekai lathi kum, kungekudala ngexesha eligqithileyo, lithetha nam, lathi, “Kodwa, Mzalwana uBranham, abenzi ezingezinye iintlobo zeempahla.”

<sup>99</sup> Ndathi, “Kodwa basenza oomatshini bokuthunga bathengisa namalaphu. Akukho kuzithethelela ngayo konke konke.” Injalo ngqo lonto.

<sup>100</sup> Khumbulani, ngenye imini, unganyulu apha emyenini wakho, kodwa uyakuphendula ngokrexexo ngayo, nje ngokuqinisekileyo: “Nabanina othi ajonga umfazi amnqwenele, selemkrexezile kunye naye entliziyweni yakhe.”

<sup>101</sup> Yintoni ingxaki nabafazi bakwaMoya namhlanje, yilonto indithandabuzisayo. Indlela enimke ngayo ukusuka kalamgca wokuxozwa. Indlela omama benu ababeqhele ukuba neenwele ezinde, kwaye namhlanje abafazi bakwaMoya baqaba ngathi ligquba le Mardi Gras, kwaye bachebe iinwele zabo, baze banxibe ezindala ezincinci ezimfutshane iimpahla ngolwahlobo, njengendlela yonke... baphume bachebe iyadi emvakwemini, xa amadoda egqitha, uyaqonda, mfazi, ukuba uyakufanela uphendule ngokukrexeza kunye nawo amadoda? Uzinikezele kuwo ukwenzela eso sizathu. Ngumoya ongcolileyo ebandleni nasebantwini, kwaye abayazi lonto. Baziimfama kwaye abayazi lonto. Yinyaniso.

<sup>102</sup> Mhlawumbi ningathi andinalungelo lokutsho oko njengomvangeli. Kulungele, ndi—ndifanele ndilandele inkokhelo kaMoya oyiNgcwele; kuko konke endinokutsho. Nina... Ukuba ndidibana nani emgwebeni, ngoko andiyi kufanela ndibe negazi lenu ezandleni zam. Sukani kuyo nentwanana yomhlaba okhangeleka ngathi nguSathana. Hlalela kude kuwo. Fumanani kuyo. Andikhathali zingaphi iindumasi zikamabonwakude... Anikho apha, odumileyo kamabonwakude; uyintombi kaThixo.

<sup>103</sup> Ndishumayela ebandleni likamalusi ngenye intsasa, malunga nekhoboka elidala, ngexesha ababethengisa ngamakhoboko kudala. Kwaye babeqhele ukuza bawathenga kwintengiso yasesidlangalaleni. Kwaye abantu bona, babelila, bekhala, ngenxa yekhaya labo; babengasokuze babuyele emva kwakhona. Kwaye kwakufanele babatywatyushe. Kwaye babewathenga njengokuba ubunokuthenga inqwelo mafutha, nangamalini, amaxabiso, kwaye babathengise abantu.

<sup>104</sup> Kwaye ngenye imini, umshishini weza, umthengisi, kwesikhulu isise... ifama enkulu, ngxebe. Waza wathi, “Mangaphi amakhoboka onawo athengiswayo?”

<sup>105</sup> Wathi, “Kulungile, ndinamanye okutshintshisa.” Babesakuzama ukuwenza abe makhulu. Bathetha bona oomama, nootata... Ukuba umfazi ebemtshatile ebemncinci etyhafile, bathathe la makhulu asempilweni amadoda babazalise ukwenzela... njengamahashhe nezilwanyana. Zange

kube kokulungileyo. UThixo wenze umntu. Umntu wenze amakhoboka. Asinto ilungileyo into yokuqala, zange. UThixo akazange wafuna nawuphi umntu abe likhoboka. Hayi, mhlekazi. Kwaye hayi. . . Qaphela okwenzekayo.

<sup>106</sup> Kwaza phakathi kwako konke okuya, lo mfo wathi, “Kulungile, ndingathanda ukuthenga amanye awo. . .” Waqwalasela omnye umfo omtsha phaya. Kwakungamele bamtywatyushe yena. Isilevu sakhe phezulu, intloko phezulu, nje ngenene lenene, ezula zula. Waza wathi laa somashishini, “Ndingathanda ukuthenga lona.”

<sup>107</sup> Wathi, “Kodwa alithengiswa.”

<sup>108</sup> Wathi, “Ke, ngoba?” Wathi, “Ingaba ngumphathi?”

<sup>109</sup> Wathi, “Ha-a, likhoboka.”

<sup>110</sup> “Ke,” wathi, “Kutheni? Ingaba ulondla ngcono kunamanye onke?”

<sup>111</sup> Wathi, “Hayi. Litya phaya ekitshini kunye namanye. Likhoboka.”

<sup>112</sup> Wathi, “Yintoni elenza umahluko omngaka kunamanye onke?”

<sup>113</sup> Waza wathi umphathi, “Ndabhideka koko nam ixesha elide, kodwa ngenye imini ndafumanisa. Ngaphaya kowalo, uyise yikumkani yohlanga. Kwaye nangona engumphambukeli kude ukusuka ekhaya, usayazi ungunyana wekumkani kwaye uziphatha njengaye.” Ukuba oko. . . Ukuba ummi wase-Afrika unokuqonda ukuba uyise ngukumkani, kwaye ngapha umphambukeli kongaziwayo umhlaba angabe esazi ukuba ngaphaya kolwandle ungunyana wekumkani, kukangakanani ukufanela abafazi namadoda aziphathe xa bengoonyana neentombi zikaThixo? Baziphathe ngolohlobo. Ngokuqinisekileyo. Ziphathe; zicoceni kwaye nenze njengoonyana neentombi zikaThixo. Kuyamangalisi, enjani imeko.

<sup>114</sup> Naku silapha. Owu, Martha omncinci, esiza ebaleka. Wayekhangeleka ngathi wayene—nendlela awayenokutsho okuchasene naYe. “Kutheni Wena ungezanga kumntakwethu? Jonga esikwenzele kona Wena, kwaye Wena usiphoxile.” Ke, ukuba wayenokutsho oko, ibali belingasokuze ligqitywe ngendlela elenza ngalo. Hayi, mhlekazi. Yindlela oza ngayo kwisipho esiNgewele sikaThixo. Ukuba uThixo uthumela isipho, kufanele uye kuso ngokulungileyo. Ukuba ungakhe ufune nantoni kuso, kufanele uye kuso ngokulungileyo. Kwaye uMartha wakwazi oko. Mhlawumbi wayefunde malunga nomShunamekazi nosana lwakhe. Kwaye wa. . . Ukuba umShunamekazi wazi ukuba uThixo wayeku-Eliya, kubekelaphi ukuba Abe kuYesu? Ngokuqinisekileyo.

115 Ke, wenyuka waya ngokulungileyo. Wabaleka wawa ezinyaweni Zakhe. Ndiyakuthanda oko! Wawa ezinyaweni Zakhe wathi, “Nkosi. . .” Eso sisihloko Sakhe esisiso. Yilonto Awayeyiyo. WayeyiNkosi yakhe. “Nkosi, ukuba Ubulapha, umntakwethu ngengafanga.”

116 Owu, bethu. Owu, ndingafane ndicinge ndibona intliziyo Yakhe enkulu njengoko Ejonge laa mfazi mhle, iinyembezi zisihla ngezindlele zakhe. Wathi, “Nkosi, ukuba Ubulapha, umntakwethu ngengafanga.” Qaphela oko wakutshoyo. “Kodwa nangaku, Nkosi, nakubeni efile, nakubeni iimpethu zihamba emzimbeni wakhe, nangoku, Nkosi, nantoni Oyicelayo kuThixo, uThixo uyakukunika Wena.”

117 Owu, leyo yimfihlo. Ningathi, “Ndirhugule kuzo zonke izibhedlela. Ugqirha uthi ndizakufa, kodwa nangoku, Nkosi. . . Ndikhubazeke ndonke kukuqaqamba kwamathambo; andikwazi kushukuma, kodwa nangoku, Nkosi. . .”

118 Laa mntwana mncinci ebenentloko enamanzi leya inkulu kubusuku obugqithileyo. Akukho nto unokuyenza. Ibiya kwanda kwaye igqabhuza intloko yakhe encinci ize ife, “Kodwa nangoku, Nkosi. . .” UsenguThixo okwamnye. Use yiNkosi ekwanye. “Nangoku, Nkosi. . .” Kwaye Uhleli ngasekunene kukaThixo Usomandla, esenze izingxengxezo phezu kwezinto esibanga ukuba Yena usenzele zona.

119 Ngoku, ndiziva ndingonenkolo kakhulu. Ngokuqinisekileyo ndinjalo. Nizakundibiza ngomqengqeleki ongcwele nakanjani, ke ningasele niqalisa, ukuze ningqibe.

120 Ke, ewe, mhlekazi, “Nangoku, Nkosi, nantoni Oyicela kuThixo, uThixo uyakuyenza.”

121 “Cela uBawo nantoni eGameni Lam, Ndiyakuyenza,” Watsho uYesu.

122 “Nangoku, Nkosi, nantoni Oyicelayo, uThixo uyakukunika Wena.” Owu, oko kufanele kwajika entliziyweni Yakhe enkulu.

123 Wathi, “Umnakwenu uyakuphila kwakhona.”

124 Wathi, “Ehe, Nkosi. Uyakuphila. Wayeyinkwenkwe elungileyo. Uzakuza kuvuko lwabaninzi kumhla wokugqibela.” Wona amaJuda ayakholelwa kuvuko lwabaninzi. “Uyakuza kuvuko lwemihla yokugqibela.”

125 Jonga kuYe. Waqokelela esosiqwana Sakhe sincinci sadibana. Wathi, “NdiLuvuko noBomi.” Owu, bethu. Zange kwabakho mntu owayenokutsho oko ngaphambili. Akusokuze kube namnye emva koko, onokuyitsho. Nguye kuphela Yena onokuyitsho. “NdiLuvuko noBomi,” itsho iNkosi. “Lowo ukholwayo kuM, nakubeni ebefile, noko uyakuphila. Kwaye nabani ophilayo okholwayo kuM akasayi kufa. Uyakholwa na koku?”

126 Wathi, “Ehe, Nkosi.” Owu, wazi nto ithile ilungiselela ukwenzeka. Kufanele ibenjalo.

127 Xa ukhoho oluphuma kwintliziyo enyanisekileyo ludibana noThixo, bona ubuxhakaxhaka buyahlangana ngolwa hlobo. Into ethile kufanele yenzeke. Ndicela umngeni esisihlewele ngobubusuku, eGameni likaYesu Kristu, maluthi ukhoho lweni luqhagamshelana noThixo ngolwahlobo, kwimizuzu embalwa siyakuba nenye iPentekoste. Kuyakubakho imvuselelo kuledolopu, akuyi kubakho mapolisa oneleyo esizweni wokubathulisa. Injalo lonto. Kuyakubakho imvuselelo yenene. “Nangoku, Nkosi. . .”

128 “Kulungile, Nkosi, sigqibile ukubambisa kwelicala; senze le senza naleya.” Andikhathali ngoko ukwenzileyo, “Nangoku, Nkosi. . .” Ulindlele kuwe ubize kuYe. U. . . “Uyakholelwa na koku?” Ngokuqinisekileyo. Ewe, mhlekazi. Nangoku, nantoni oyicelayo kuYe. . .

129 “Nimbekephi?” Ngoku, Uyehla aye engwabeni. Wayengumntu ngokwaneleyo ukuba alile; WayenguThixo ngokwaneleyo ukuvusa ofileyo.

130 Apha ngexesha eligqithileyo, umfazi ongowelinye iqela elithile labantu. . . Andizange ndaziqhelisa ukwenza nto malunga namahlelo. Kodwa lo mfazi. . . Abakholelwa ukuba uYesu wayebuThixo. Bathi Wayengumprofeti nje. Ngoku, Waye. . . Ukuba Wayengumprofeti nje, sonke sisesonweni. WayenguThixo, akanto ingaphantsi koThixo, okanye oyena umkhohlisi oyena mkhulu ihlabathi elakhe lanaye. Injalo lonto. Wayengaphezu komntu. Wathi, “Wayengekho buThixo.”

131 Kukho okuninzi koko kulevangeli yasekuhlaleni namhlanje; ukuzama ukwenza uYesu Kristu umprofeti. Kutheni, WayenguThixo wabaprofeti. Ngokuqinisekileyo Wayenguye.

132 Wathi, “Ndiyakubonakalisa kuwe ngeBhayibhile yakho, ‘Wayengumntu nje.’”

133 Ndathi, “Yenze.”

134 Waza wathi, “Xa Waya engwabeni likaLazaro, iBhayibhile ithe, ‘Walila.’ Kwafanela abengumntu onakho ukufa okanye Wayengenakulila.”

135 Ndathi, “Nenekazi, ingaba eso siSibhalo sakho?” Andibhekiselelanga ekubeni ngohlambela inkolo apha ukutsho oku, kodwa ndiyakunixelela endamxelela kona.

136 Wathi, “Siso.”

137 Ndathi, “La ntetho ingxengeke kakhulu kunomhluzi owenziwe ngesithunzi senkunku elambebe ukufa.” Ndathi, “Ke, wena—wena akunayo nenye into onokuma kuyo.”

138 Wathi, “Kutheni, Walila. Oko kwabonakalisa ukuba Wayenakho ukufa.”

139 Ndathi, “Wayenakho ukufa enako nokungafi. WayenguThixo enyameni.”

140 Wathi, “Owu, ubuvuvu.”

141 Ndathi, “Waya engcwabeni elila. Yinyani ngokwaneleyo lonto, kodwa xa Wolula esosiqwana sincinci Sakhe...” IBhayibhile ithe, “Kwakungekho nto ingako yokujonga kuYe; kungekho buhle bokuba simnqwenele Yena.” Kodwa xa Watyhalelela loo magxa mancinci ngasemva wathi, “Lazaro phuma,” yaza indoda ebifile iintsuku ezine kwaye ibolile engcwabeni, yaphuma. Lowo wayengaphezulu kwendoda. Ndibonise indoda enokwenza lonto? Yayiyintoni? Ukonakala kwayazi iNkosi yako. Ubomi bamazi uMdali wako. Into ethile kwafanela yenzeke. Wathetha yaza indoda ebifile kwaye isengcwabeni iintsuku ezine, yavuka kwakhona, yema ngeenyawo zayo, yaphila. Haleluya! Lowo yayinguThixo ekuNyana Wakhe. Ewe, mhlekazi. Lowo yayinguThixo Ezibonakalisa ngaYe, uNyana. Lowo yayinguThixo ethetha, hayi umntu.

142 Wayengumntu ngelixa Wayejonga jonga emthini ngalamhla ukuba afumane into yokutya. Lowo yayingumntu. Kodwa xa Wathabatha amaqebengwana amahlanu neentlanzi ezimbini waza wadlisa amawaka amahlanu, lowo wayengaphezulu komntu. YayinguThixo ebadlisa phaya. Wayengaphezulu komprofeti, engaphezulu komntu, WayenguThixo-Mntu. Ngokuqinisekileyo.

143 Walala kumva walamkhombe mncinci ngobabusuku, kwaye ulwandle lugquma ludlokova njengesiciko sebhotele phandle phaya kwelinamandla ulwandle, xa amawaka alishumi leedemoni zolwandle zagungayo ziyakumtshonisa Yena ngoba busuku. Wayengumntu, etyhafile kwaye ediniwe ekusukeni kuthandazela abafunayo, elele emva phaya; kwaye umoya zange umhluphe nokumhlupha Yena. Wayengumntu xa Wayelele, kodwa xa Wavukayo, wabeka unyawo lwaKhe ekupheleni komkhombe, wajonga phezulu, wathi, “Inzolo, yithi tu,” yaza imimoya namaza amlulamela Yena, lowo wayengaphezulu komntu. YayinguThixo emntwini, ezazisa Yena. Injalo lonto.

144 Wayengumntu emnqamlezweni xa Wacela inceba. Xa Wakhala wathi, “Ndinxaniwe,” lowo yayingumntu. Xa Wafayo, Wayengumntu, kodwa ngentsasa yePasika xa Waqhekeza amatywina okufa, isihogo, nengcwaba, wavuka kwakhona, Wayengaphezu komntu: YayinguThixo ebonakilisiwe. Akumangalisi imbongi yathi:

Ekuphileni, Wandithanda; ekufeni,  
Wandisindisa;  
Ekungcwatyweni, Wathwalela izono zam  
kude;

Ekuvukeni, Wandigwebela simahla  
 naphakade:  
 Ngenye imini Uyeza—Owu, imini yozuko!

<sup>145</sup> Wathi, “Ngokuba Ndiphila, niyaphila nani ngokunjalo. Niyakukholelwa na koku?” NguYe izolo, namhlanje, naphakade. Uyakholelwa na koku? Ndiyakholwa uMoya oyiNgcwele ulapha kanye ngoku. Niyakukholelwa na koku? Ndiyakholwa Uyakusizalisa ngoBukho Bakhe. Niyakholwa na koku? Ndiyakholwa uMoya oyiNgcwele ufuna ukugalela Ubukho Bakhe, aphilise bonke abagulayo, enze bonke abantu abangenaMoya oyiNgcwele bazaliswe. Niyakukholelwa na koku? Niyakholwa ngentliziyo yenu yonke? Masime ngeenyawo zethu simdumise Yena. Ndiyakholwa Uyakusiwela kanye ngoku.

<sup>146</sup> Owu Nkosi Thixo, Mdali wamazulu nomhlaba, Mqambi woBomi obunguNaphakade, Mniki waso sonke isipho esilungileyo, siya “Kholwa koku,” Nkosi. Siyakholwa ukuba oko Nguwe apha entlanganisweni. Siyakholwa ukuba oko Nguwe usikelela imiphefumlo yethu. Siyakholwa ukuba Nguwe ugalela uMoya Wakho phezu kwethu. Siyakholwa ukuba Nguwe izolo, namhlanje, naphakade. Siyakholwa Uyaphila ngonaphakade ngaphezulu kwaye amagama ethu abhalwe eNcwadini yoBomi yeMvana. Onke amazulu nomhlaba ayakugqitha, kodwa siyakuphila ngonaphakade, ngokuba Uphila ngonaphakade. Nkosi, Usithembisile oko. Siyayikholelwa ngentliziyo yethu yonke. Yonke into engaphakathi kuthi, siyayikholwa, Nkosi. Ndiyamthanda Yena, ndiyamthanda Yena.

<sup>147</sup> Niyamkholwa Yena? Ndiyakholwa lowo nguMoya oyiNgcwele. Kukho Into esiwelayo. Niyakholwa na koku? Ndiyakholwa Ufuna ukuphilisa wonke umntu kanye ngoku. Niyakholwa na koku? Phakamiselani izandla zenu kuYe. Yimani ngeenyawo zenu. Niyakholwa na koku? UMoya oyiNgcwele ulapha. Oku Kokuya! UPetros wathi, “Oku Kokuya.” Oku Kuko, uMoya oyiNgcwele.

<sup>148</sup> Owu Nkosi, Mdali wamazulu nomhlaba, thumela amandla Akho, neentsikelelo Zakho, nokulunga Kwakho phezu kwaba bantu, usikelele iintliziyo zabo, kwaye ubenze babone ukuba uNyana womntu uyaphila ngonaphakade ngaphezulu. Siphe oku, Owu Thixo. Sibazisa kuWe, eGameni likaYesu Kristu, uNyana kaThixo.

<sup>149</sup> Wonke ubani ongenaMoya oyiNgcwele, phakamisani izandla zenu kwaye nidumise uThixo. Ndiyakholwa Uyakuniwela. Umntu othile abeke izandla zakhe phezu kwabo. Lena yiyure. Kutheni silinda ixesha elidana? Eli lixesha. Eli lixesha lePentekoste, ukubuyela kuThixo. Ukulungisa kuThixo, IPentekoste! Yenza intliziyo yakho izanyazanyiswe ngamandla kaThixo ophilayo. Makathi uMoya Wakhe eze ashukume kuni, agubungele imiphefumlo yenu. Ulapha Yena ubusuku

emva kobusuku, ulapha ukuphilisa abagulayo, anike ukubona kwabaziimfama, ngawo amandla amakhulu Uyaziqondakalisa Yena ukuba ungonaphakade engaguquki. Haleluya!

<sup>150</sup> Mbongeni Yena. Phakamisani izandla zenu. Libalani apho nikhoyo; yazini nje ukuba nikufuphi kuYe, nokulunga Kwakhe, nozuko Lwakhe, namandla Akhe, nenceba Yakhe eme ngonaphakade. Uhlala ekwanguye. Malibongwe iGama leNkosi. Haleluya! Owu, malibongwe iGama Lakhe eliNgcwele.

<sup>151</sup> Owu, ukumangalisa okungaka, amangaka amandla anawo Yena. Bangaphi abathanda ukungcwalisekisa ubomi babo kuThixo kanye ngoku, ngokutsha? Phakamisa isandla sakho. Bangaphi abathanda ukungcwalisekisa ubomi babo kuThixo? Yilonto. Phakamisani izandla zenu. Masibone iPentekoste. Masibone abantu bakaThixo. Ndiyakuphakamisa isandla sam. “Nkosi, ndilapha. Thuma mna.” Thatha iNgelosi kunye nelahla lesibingelelo uze uthumela amandla Akho phezu kwethu, Nkosi. Thixo, siphe ngenzalisekiseko yoMoya Wakho, Owu Bawo. Yiva umthandazo wethu, Owu Nkosi. Yiva umthandazo wethu, njengabantwana abakholwayo abamileyo. Malibongwe iGama Lakhe.

<sup>152</sup> Owu, njengamaza ozuko esiwa, owu, amaqabaza ombethe wenceba. Owu, makabongwe uThixo. Yanga imiphefumlo yethu ingalinda. Niyakukholwa na koku? Niyakukholwa na koku? Lona nguMoya oyiNgcwele othe weza. Oku ngalaa mandla angabonakaliyo asiqhubela ebuKumkanini bukaThixo, iintsikelelo zePentekoste. Buyelani emva ekhaya. Nilindelwe emva ekhaya. Ningabantu ababalulekileyo. UThixo ufuna nizingcwalise. Bafazi, zicoceni. Madoda, zicoceni. Masiqaliseni emva kuThixo size sikhonze uThixo ngentliziyo enyulu ngenene.

<sup>153</sup> Makabongwe uThixo, uMoya oyiNgcwele ukhona entlanganweni. Yenza nje oko uziva ukhokelwe ukwenza. Yekela nje uMoya oyiNgcwele ushukume kuwe. Akukho nto endingayitsho. Andazi nje emandikutsho ngoku. UMoya oyiNgcwele ukhona nje kwisakhiwo sonke. Malisikelelwe iGama leNkosi. Mayibongwe iNkosi. Owu, Haleluya! Haleluya! Mayibongwe iNkosi. Bonga iNkosi. Okunjani ukumangalisa, olungaka uzuko...Obungaka ubuhle, engeka indumiso yabangcwele bakaThixo phezu kobuso benu, phezu koBukho bukaMoya oyiNgcwele apha bushukuma kwaye busibonisa uzuko Lwakhe kwesisihlewele simxhelo mnye, sidumisa iGama laKhe.

<sup>154</sup> Jika uxhawula izandla zomnye, uthi, “Mayibongwe iNkosi, mzalwana. Mayibongwe iNkosi, dade.” Masilunge kwaye sivumele uThixo asivuselele. Mayibongwe iNkosi. Injalo lonto. Nonke maWisile, namaBhaptizi, namaRhabe, nabakwaMoya, namaSeventh Day Adventists, nokuba niyintoni, xhawulanani izandla eBukhweni beNkosi uThixo. Yilonto. Owu, Haleluya!

Haleluya! Haleluya! Owu, ndiyavuya kakhulu ndingomnye wabo. Ndiyavuya kakhulu. Owu, ukudiliza iindonga, ukulahla inkunkuma. Uzuko! Inkululeko eNkosini, ukudumisa iGama Lakhe elingwele...Malibongwe iGama leNkosi. Owu, Haleluya! Makabongwe uThixo.

<sup>155</sup> Owu, ndiyakuthanda nje ukubona okuya: abantu bexhawulana izandla kwaye betyhilekile ebusweni. Amandla kaThixo esithi, “Yilonto. Yilonto, singabantwana bakaThixo. Sonke silibandla elikhulu elinye, omkhulu omanyeneyo umntu kuKristu Yesu, uMtshakazi Wakhe, Lowo uzukileyo.” Ukuza kweNkosi kusondele. Abantu Bakhe bayahlangana kwaye bezithanda...ngothando namandla oBukho Bakhe. Owu, oku kunjengeZulu. Owu, kuhle oku. Amen. Owu, olungaka uzuko, okungaka ukumangalisa: nje ukunqula iNkosi kuMoya nasemandleni. Elingako ixesha. Oko ibe kukuyeka...qalisa.

<sup>156</sup> Nje akukho...ndibaxelele abazalwana, “Bazalwana, akukho ndawo yakuyeka.” Akukho ndawo apha yoku... Asikhange siqalise, ke asiyeki. Nje—nje kuyamangalisa... Bangaphi abaziva kamnandi ngenene? Nje uBukho beNkosi, owu, bethu, kuyamangalisa, uBukho beNkosi apha.

<sup>157</sup> Ngoku, uBukho beNkosi bulapha ukuphilisa abagulayo, ubenze abantu baphile. Mkholelweni nje Yena. Niyamkholwa Yena? Ukuba sinokumkholelwe Yena, zonke izinto zinokwenzeka. Uyakukholwa oko? Uyakukholwa oko ukuba oko buBubukho beNkosi?

<sup>158</sup> Ngoku, ngelishesha ni...Ndipheni nje ithutyana, nje ithutyana ngoku, kwaye mamelani nje ithutyana. Mandiqondakalise kuni ukuba nguMoya oyiNgcwele apha. Mandinibonise ukuba uMoya oyiNgcwele, kwaLowo othethayo, Lowo wenza into, uyazi oko. Bangaphi apha ngoku, abeze apha begula? Masibone izandla zenu. Abo ababenesigulo...Nabo abantu... .


<sup>159</sup> Kukho ndoda eme phaya. Uyakholwa, mnumzana? Akukho makhadi okuthandazela akhutshiweyo, kodwa uyakholwa ukuba uThixo angakuphilisa? Uyakholwa ngandixelela Yena ingxaki yakho? Isecaleni lakho. Ulungele utyando. Injalo lonto. Igama lakho nguMnu. Cartwright. Injalo lonto. Ingaba injalo lonto? Wangazelisa isandla sakho. Kulungile. Goduka kwaye uphile, akuyi kuyidinga. Uyayikholwa?

<sup>160</sup> Laa ndoda ifunqule olwasana ezingalweni, uyandikholwa ukuba ndisicaka sikaThixo? Uyakholwa ukuba oku nguMoya oyiNgcwele? Andikwazi, ingaba kunjalo? Zange ndakubona ebomini bam; asazani. Uyakholwa uMoya oyiNgcwele angandixelela yintoni ingxaki nolwasana? Lunerhashalala. Injalo lonto. Ayinjalo lonto? Ngokuqinisekileyo. Akusuki apha. Hayi. Unengxaki yesisu, obulaleka yiyo, wena. Injalo lonto, ayinjalo? Usuka eKansas City. Kulungile. Buyela emva, uYesu



Kristu ukuphilisile. Haleluya! Uyakholelwa. Uyayikholelwa ngentliziyo yakho yonke?

<sup>161</sup> Nantsi iNgelosi yeNkosi, indada phezu kwalo mncinci—mncinci umfazana, uhlobo oludala, ehleli kanye apha, egula ngugqongo. Uyakholwa uThixo uyakuphilisa kulagqongo, dade? Wena, onencinci ebomvu intyantyambo emqwazini wakho, phakamisa isandla sakho. Kulungile. Goduka uphile. Amen. Owu, nguThixo; nguKristu uNyana kaThixo. Uvukile ekufeni. Ulapha.

<sup>162</sup> Ngoku, beka izandla zakho phezu komnye uze wenza olungileyo wexesha umthandazo, nonke kuni, ngelixesha ndicela othile eze apha. Yiza apha, mzalwana. Ngelixesha unesandla sakho komnye ukubonisa ukuba uThixo uyaphilisa naye, ndinomzalwana apha wokwenza umthandazo naye. (Qhubeka. Kulungile.) Mayibongwe iNkosi uThixo. 

*UYAKHOLWA NA KOKU? XHO60-0402*  
(Believest Thou This?)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham washunyayelwa ngoMgqibelo, ngoEpreli wesi-2, 1960, kwiHolo likaMaspala eTulsa, Oklahoma, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2017 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)